# IKhalenda yokuCwangcisa umSebenzi eziKolweni ngo-2015

**Le shedyuli yemihla yeeprogram zoqeqesho, iintlanganiso, iimvavanyo, iimviwo nemihla emiselweyo ebalulekileyo emalunga nezolawulo ikhutshelwa ukunceda izikolo xa zicwangcisela u-2015.**

## Oomasifundisane boqeqesho okanye iintlanganiso

ISebe i*WCED* liya kuqhuba iikhosi oya kuzo ngokuzithandela *(optional courses)* ukuhlangabezana neemfuno ezithile, umzekelo, izifundo zobuchule kwi-ICT, imfundo eneemfuno ezizodwa *(special needs education)* neekhosi ezingobudlelane emsebenzini *(labour relations)*. Ii-ofisi zezithili zemfundo ziya kulupapasha olu qeqesho, noluya kuqhubeka emva ko-15:00 ngeentsuku zesikolo. I-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)* iya kuqhuba iqela leeprogram zoqeqesho, iisemina neenkomfa ngo-2015. Ziya kuthunyelwa kuzo zonke izikolo ngoSeptemba 2014 iinkcukacha zezi khosi zootitshala zeeveki ezi-2 zekharityhulam (ikhontenti nemethodoloji) yeSigaba seSiseko, yeSigaba esi-Phakathi ne-Sigaba sa-Badala nekhosi yeeveki ezi-2 engeendima nemisebenzi yeentloko zezifundo, yamasekela-nqununu neyeenqununu. Le program ikwafumaneka nakwiziko lewebhu leSebe i*WCED* apha **http://wced.school.za**



**Uqeqesho kwiLITNUM lwezikolo zePhase 4.**
**Iveki 1: 29 Juni – 3 Julayi 2015**
kunye
**neVeki 3: 13 – 17 Julayi 2015**

## IiKota zeSikolo zika-2015

| IKota yeSikolo | Iqala | Iphele | Inani leeveki | Inani leentsuku zesikolo |
|---|---|---|---|---|
| Ikota yokuqala | 19 Januwari (ootitshala)<br>21 Januwari (abafundi) | 1 Apreli | 11 | 53 (ootitshala)<br>51 (abafundi) |
| Ikota yesibini | 13 Apreli | 26 Juni | 11 | 51 |
| Ikota yesithathu | 20 Julayi | 2 Oktobha | 11 | 52 |
| Ikota yesine | 12 Oktobha | 9 Disemba (abafundi)<br>11 Disemba ootitshala) | 9 | 45 (ootitshala)<br>43 (abafundi) |

### Iintlanganiso zeenqununu kwisithili semfundo:

Kuya kubakho intlanganiso enye yesithili semfundo yeenqununu ngekota nganye neqala ngo-13:00. Oku kunokulandelwa yintlanganiso yeforam yeenqununu zesekethe.

Imihla yeentlanganiso zeForam yeeNqununu yile ilandelayo:
- 27 Februwari 2015
- 22 Meyi 2015
- 21 Agasti 2015
- 20 Novemba 2015

### IiProgram ezingeeHolide zeZikolo eZikhuselekileyo

Iiprogram zabafundi zenziwa liCandelwana leZikolo eZikhuselekileyo *(Safe Schools Sub-directorate)* ngethuba leeholide zesikolo.

IiProgram ezingeeHolide zeZikolo eZikhuselekileyo:

- **29 Juni 2015 – 10 Julayi 2015**
- **5 – 9 Oktobha 2015**

### IiSemina / OoMasifundisane:

- UMgqibelo, we-14 Matshi 2015 – Intlanganiso i-*Provincial Safe Schools Cluster Co-ordinators Meeting*
- UMgqibelo, we-22 Agasti 2015 – ISemina yeZikolo

## Ukukhusela ixesha lokufundisa

Izikolo mazikhusele ixesha lokufundisa yaye zixhase ukufunda ngolu hlobo lulandelayo:

3.1 Bonke abafundi mababe sesikolweni zonke iintsuku eziyi-197 (iintsuku eziyi-201 kootitshala), ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo wokuHamba iSikolo kwaBafundi kaZwelonke *(National Learner Attendance Policy.)*

3.2 Ukufundisa kuqala ngosuku lokuqala lwekota nganye.

3.3 Ngosuku lokugqibela lwekota yesikolo abafundi mababe sesikolweni iiyure ezintathu ubuncinane. Ootitshala balindeleke ukuba babe sesikolweni ubuncinane iiyure ezi-5.

3.4 Makuthathelwe ingqalelo ubuncinane elona nani lisezantsi leeyure zokufundisa kwibakala ngalinye (oku akubandakanyi amathuba eendibano zabafundi ndawonye *(assemblies)* nawokutya eProgram yoKutyiswa kwaBantwana kaZwelonke *(NSNP)*.

3.5 Iihambo zesikolo zokufunda maziqhagamshelaniswe nekharityhulam yaye ziyiphucule. Izicelo zeehambo zesikolo zokufunda mazingeniswe kumlawuli wesithili ubuncinane kwiiveki eziyi-4 ngaphambi kwaloo mhla wohambo ucetywayo.



Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Cape Town
Private Bag X9114, Cape Town 8000
http://wced.school.za
WCED Client Services Call Centre: 0861 92 33 22

# Iimvavanyo neemviwo

## Iimvavanyo ii-*Annual National Assessments (ANAs)*

Ii-ANAs zamaBakala 1 – 6 neBakala 9 ziya kuqhubeka ngoSeptemba 2015 (umhla wokugqibela usaza kuqinisekiswa), yaye ezi mvavanyo ziya kumakishwa zizikolo ngokwazo. Ingcaciso engaphezulu iya kukhutshwa liSebe leMfundo esiSiseko ngo-2015. Iiripoti ngee-*ANAs* ziya kuthunyelwa kubazali ekupheleni kuka-Oktobha 2015.

## Iimvavanyo zeNkqubo yeMfundo zeSebe iWCED (AmaBakala 3, 6 no-9)

ISebe i-*WCED* liya kuqhuba iimvavanyo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 no-9. Ezi mvavanyo ziya kuqhubeka kusasa ngosuku lwesikolo olunye ngethuba eliqala nge-14 ukuya kwi-27 Oktobha 2015.

## IiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(National Senior Certificate (NSC) Examinations)*

- **Ukukhutshwa kweziphumo zeemviwo zeNSC zika-2014:**
  6 Januwari 2015 (kusaza kuqinisekiswa)
- **AmaBhaso eSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)*:**
  15 Januwari 2015 (kusaza kuqinisekiswa)
- **Iimviwo zokuxabangela ze-*NSC*:**
  16 Februwari ukuya ku-24 Matshi 2015 (kusaza kuqinisekiswa)
- **Uviwo lwePrakthikhali lwe-*NSC*:**
  19 ne-20 Oktobha 2015 (kusaza kuqinisekiswa)
- **Iimviwo ze*NSC* ngo-2015:**
  26 Oktobha ne-27 Novemba 2015 (kusaza kuqinisekiswa)
- **Ukumakishwa kweemviwo ze*NSC* zango-2015:**
  5 Disemba 2015 (kusaza kuqinisekiswa)

## Iimviwo zeMatriki *(Senior Certificate) (I-Report 550)*

- 4 Meyi 2015 ukuya kwi-22 Juni 2015 (kusaza kuqinisekiswa)

## Ukumodareyitha

- Ukumodareyithwa kwee-orali zeBakala 12 kuqala phakathi ku-Agasti 2015
- Ukumodareyithwa kweeprakthikhali zeBakala 12 kuqala phakathi ku-Agasti 2015
- Ukumodareyithwa kwee-*SBA* zePhondo: Septemba 2015

Iishedyuli ezinemihla echanekileyo ziya kuthunyelwa ezikolweni kwangaphambili.

## AmaBakala 4 to 11

Iimviwo zangaphakathi kufuneka ziqale emva kwe-1 Juni 2015 nasemva kwe-12 Novemba 2015.



Bonke abafundi kufuneka ngo-komthetho bahambe isikolo ngethuba lonke kuqhubeka nayiphi na iprogram yeemvavanyo okanye yeemviwo, ngaphandle kwabafundi beBakala 12 abanokunikwa iintsuku ezi-5 zokufunda phambi kokuqala kweemviwo zabo ezibhalwayo zokuphela konyaka.

## Iimviwo zokuzivavanya zangoSeptemba zeBakala 12

Kufuneka ezi mviwo zingaqali ngaphambi kwe-7 Septemba 2015. Kufuneka ithayimthebhile ilungiselele iiseshoni zoviwo ezimbini ngosuku apho kunokwenzeka. Onke amanye amabakala aya kuba exakeke ziimvavanyo zangaphakathi.

## Unyulo lwee*SGBs* ngo-2015

Unyulo lwee*SGBs* kuzwelonke lucwangciselwe uMatshi 2015. Uqeqesho lwamagosa onyulo luya kuqhubeka ngoJanuwari nangoFebruwari 2015 lwabo baziinqununu ezintsha.

## Ikhalenda yamaBhunga aMele aBafundi *(RCLs)*

Ukwaziswa ngomsebenzi kwee*RCLs* ezintsha kucwangciselwe uFebruwari – Matshi 2015. Zonke izikolo zikarhulumente ezinamaBakala 8 nangaphezulu mazinyule uTitshala oliGosa loQhagamshelwano *(Teacher Liaison Officers (TLOs))* ngo-Septemba 2015. Ukunyulwa kwee-*RCLs* kuya kuqhubeka kwikota yesikolo yokugqibela ka-2015.

## Ukufakwa kwikhompyutha kweNdlela eziQhuba ngayo eZifundweni iZikolo ngeKota *(Online submission of Term Performance)*

Kuya kufuneka izikolo zingenise isishwankathelo seNdlela eziQhuba ngayo eZifundweni ngeKota *(Term Performance)* sabafundi kwi*CEMIS* ngale mihla ilandelayo:

### UMHLA WEKOTA

1 ULwesihlanu, we-17 Apreli 2015
2 ULwesihlanu, we-24 Julayi 2015
3 ULwesihlanu, we-16 Oktobha 2015
4 ULwesihlanu, we-11 Disemba 2015 (AmaBakala 1 – 11 kuphela)

# IMimiselo neMigangatho yoLwabiwo-mali *(N&S)* yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo

| | |
|---|---|
| Isabelo se*N&S* sokugqibela sikanyaka-mali ka-2015/16 siya kupapashwa kwi*CEMIS* | 31 Matshi 2015 |
| Intlawulo eyenziwa ngomatshini yokuqala yonyaka-mali 2015/16 | 30 Apreli 2015 |
| Intlawulo eyenziwa ngomatshini yesibini yonyaka-mali 2015/16 | 30 Novemba 2015 |

## IziCwangciso zokuPhuculwa kweZikolo *(SIPs)* – IiNgxelo zoNyaka nemihla ye-*IQMS*

| **Umsebenzi** | **Umhla obekiweyo** |
|---|---|
| Izikolo zigqiba ii-*SIPs* | 30 Januwari 2015 |
| Ukusayinelwa kwee*SIPs* ngaBalawuli beze-*IMG* neeNqununu | 13 Februwari 2015 |
| Makuzaliswe i-*Quarterly School Improvement Monitoring (SIM) Report* kwi*CEMIS* yaye isayinelwe yiNqununu noMlawuli weze-IMG kwikopi eprintiweyo nemayigcinwe ukulungiselela iinjongo zophicothi-zincwadi. | 27 Matshi 2015<br>19 Juni 2015<br>23 Septemba 2015<br>13 Novemba 2015 |
| Amanqaku okwandlalela (ootitshala abatsha) | 13 Matshi 2015 |
| Ukungeniswa kwamanqaku e*SPMDS* abasebenzi benkonzo karhulumente kwi-ofisi yesithili semfundo | 17 Apreli 2015 |
| Ukungeniswa kwezatifikethi zeemvumelwano yentsebenzo zabasebenzi benkonzo karhulumente kwi-ofisi yesithili | 29 Meyi 2015 |
| Makugqitywe i-summative evaluation, uluhlu lwamalungu e*SDT*, izicwangciso zokuphucula ootitshala | 23 Oktobha 2015 |
| Ukungeniswa kwezatifikethi zokuhlolwa kwentsebenzo *(review certificates)* zaqho ngeenyanga ezi-6 zabasebenzi benkonzo karhulumente kwi-ofisi yesithili | 30 Oktobha 2015 |
| Iyasayinelwa zizikolo i-*SIP 2016 Action Plan* | 2 Oktobha 2015 |
| Ukungeniswa zizikolo kwii-ofisi zezithili kweengxelo zokumodareyithwa kwangaphakathi kwenkqubo yovavanyo | 27 Novemba 2015 |

## Imihla yezolawulo ebalulekileyo ngo-2015

| **Umsebenzi** | **Umhla omisiweyo** |
|---|---|
| Ukungeniswa kwikhompyutha kwezicelo zezithuba zengqesho zokwanda kwamanani abafundi okanye kwekharityhulam | Januwari /Februwari 2015 |
| Izicelo zokumakishwa nokutshekishwa kwakhona kwemviwo ze*NSC* | 26 Januwari 2015 |
| Umhla wokuvalwa kobhaliso lweemviwo zokuxabangela ze*NSC* | 26 Januwari 2015 |
| ISaveyi eQuphayo *(Snap Survey)* yezikolo eziqhelekileyo | 27 Januwari 2015 |
| Izicelo zokutshintsha izifundo zeBakala 12 | 30 Januwari 2015 |
| Ukungeniswa kwiCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule kwezicelo zokwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente ngo-2015-16 (abaqeshwa baya kufumana impendulo phambi kokuphela kukaMatshi 2015.) | 30 Januwari 2015 |
| I-*CEMIS* seyilungiselelwe ukufaka ingcaciso yembuyiselo yezikolo ngokuxolela abazali ekuhlawuleni iifizi | 2 Matshi 2015 |
| ISaveyi yeZikolo yoNyaka *(Annual School Survey)* yezikolo eziqhelekileyo<br>ISaveyi eQuphayo *(Snap Survey)* yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa | 3 Matshi 2015 |
| Umhla wokuvalwa kobhaliso lweemviwo ze*NSC* zango-2015 | 16 Matshi 2015 |
| I-*Quarterly Attendance Return Capture Screen* | 1 Apreli 2015<br>26 Juni 2015<br>2 Oktobha 2015<br>11 Disemba 2015 |
| I-*Monthly Learner Absentee Return Capture Screen* | Ekupheleni kwenyanga okanye kwekota yesikolo |
| Mazingeniswe kwizithili izicelo zokwandiswa kunye/okanye zokucuthwa kwekharityhulam | 30 Apreli 2015 |
| Ukungeniswa kwedatha yamalungu asanda kunyulwa e*SGBs* nee*RCLs* kwikhompyutha | 30 Apreli 2015 |
| Ukusayinelwa kwi*CEMIS* kwembuyiselo ngokumalunga nokuXolelwa ekuHlawuleni iiFizi zeSikolo | 26 Juni 2015 |
| Izicelo zokutshintsha izifundo kumaBakala 10 no-11 ezifakwa kwikhompyutha | 31 Julayi 2015 |
| Ukusayinelwa kwi-*CEMIS* kweerejista zabafundi zamaBakala 3, 6 & 9 zeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe i*WCED* | 3 Agasti 2015 |
| Isaveyi eqhutywa qho ngonyaka kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa (ekhompyutheni) | 1 Septemba 2015 |
| Ukufakwa kwamanqaku e*SBA* eBakala 12 kwi*CEMIS* | Septemba 2015 |
| Ukulungela kwe*CEMIS* ukufaka idatha yokupasa nokudlulela kwesinye isigaba | 13 Novemba 2015 |
| Ukufaka kwi*CEMIS* idatha yokupasa nokudlulela kwesinye isigaba kwabafundi | Kude kube yi-11 Disemba 2015 |

## I-*LTSM*

Ukuthengwa kwezixhobo ezincedisa ukufunda nokufundisa *(LTSM)*, ingakumbi iincwadi zezifundo, izinto zokubhala zabafundi nezibonelelo zokufunda zaselayibrari (iincwadi/ izibonelelo eziprintiweyo, ii-*audio-visual* nee-*e-resources*), mazithathelwe ingqalelo eyodwa ukwenzela ukuba abafundi bangabekwa engxakini. Ukuze kwenzeke oku, makuqatshelwe le mihla ilandelayo:

- **Makungeniswe iifom *WCED* 032 kwaNdlunkulu** (zikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kuphela): **nge-27 Februwari 2015**

Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 ziya kwaziswa kwangexesha ngo-2015 ukuba zizifake nini na ii-odolo kwikhompyutha ukulungiselela u-2016 zezinto zokubhala zabafundi nootitshala kwakunye nezinto zokucoca.
Zonke izikolo ziya kwaziswa kwangexesha ngo-2015 ukuba zizifake nini na ii-odolo zeencwadi zezifundo zokongezelela ukulungiselela u-2016.

- **Makungeniswe ibhajethi yesikolo ka-2016** kwi-ofisi yesithili: **nge-2 Disemba 2015**

## IFanitshala nezixhobo

| Umsebenzi | Umhla obekiweyo |
|---|---|
| Izikolo mazingenise iirikhwizishini (WCED 026A & 026B) zefanitshala yesikolo nezixhobo kwi-ofisi yesithili semfundo | nge-6 Februwari 2015 |
| Ii-ofisi zezithili zemfundo mazingenise izintlu emakuqalwe ngazo zefanitshala nezixhobo kwiCandelo eliyiNtloko leZithili zeMfundo | nge-27 Februwari 2015 |



## Ukuqeshwa kootitshala nezithubra ezabelwe amaziko *(staff establishments)*

Imihla yokupapashwa kwazo

| | |
|---|---|
| ULuhlu lweZithuba 1 | 13 Februwari 2015 |
| ULuhlu lweZithuba 2 | 24 Matshi 2015 |
| ULuhlu lweZithuba 2 | 27 Juni 2015 |

Amanani ezithuba ezabelwe amaziko aya kwenziwa afumaneke ungadlulanga owe-21 Agasti 2015.

## Utyelelo lwamagosa ezithili zemfundo (kangaphi nohlobo lwalo)

Ii-ofisi zezithili zemfundo ziya kunika kwangethuba zonke izikolo irosta echaza imihla yotyelelo.

### Iinkcukacha zoqhagam-shelwano zee-ofisi zezithili zemfundo

| I-ofisi yesithili semfundo | Inombolo yefoni |
|---|---|
| Metro Central | 021 514 6700 |
| Metro East | 021 900 7005 |
| Metro North | 021 938 3000 |
| Metro South | 021 370 2000 |
| Eden & Central Karoo | 044 803 8300 |
| Cape Winelands | 023 348 4600 |
| West Coast | 021 860 1200 |
| Overberg | 028 214 7300 |